

**NJINGALWAZI MANDLA MAKHANYA, INQUNUNU NOSEKELA
NGQONYELA**

**KWIYUNIVESITHI YOMZANTSI
AFRIKA**

ISIGABA SOKWAMKELA SESI-2: INTLANGANO NONDULULO

NCWADI - *Iyunivesithi yoMzantsi Afrika Neeyunivesithi*

Ezikwinguqu zoMzantsi Afrika: Ukwenziwa kweYunivesithi

yeAfrika: Kwixesha Elidluleyo, Elangoku Nelizayo

**eSenate Hall, Kwikhampasi iUnisa
eMuckleneuk**

7 EyoMsints 2018

- Umbhexeshi wesicwangciso senkqubo, Gqirha Somadoda Fikeni, Umbhexeshi Weeprojekthi Ezikhethekileyo noMcebisi Wenqununu noSekela Ngqonyela
- UNjingalwazi R Viljoen, uSihlalo weSebe LezeeMbali Nenkokheli Yeprojekthi
- UNjingalwazi A Manson, umbhali wale ncwadi
- UNjingalwazi A Bawa, isithethi sethu esiyintloko namhlanje (*Isihloko: UNISA and our National Development Trajectory*)
- Amalungu eSigqeba Esilawulayo Nesolawulo Olongezelelweyo eUnisa
- Bonke abathatha inxaxheba ngale mvakwemini:
 - UNjingalwazi A Keet, USihlalo weKomiti yoMphathiswa Ejongene Nenguqu kwiMfundo Ephakamileyo

- UNjingalwazi N Baijnath, IGosa Eliyintloko Yabaphathi (iCEO) yeQumrhu leMfundo Ephakamileyo

-

Abasebenzi
baseUnisa

- Abafundi

baseUnisa

- Abachaphazelekayo eUnisa namalungu emibutho yeziko

- kwakunye

nekwayara yethu

yaseUnisa

Ndiyanibulisa nonke kwaye namkelekile kwesi sigaba sesibini sale ntlangano nondululo ncwadi. Ndivakalisa ilizwi lokwamkela elikhethekileyo kwiindwendwe namalungu engxoxo asandula ukufika, ezokwabelana nathi ngeembono nobulumko bawo.

Kwisigaba sale ntsasa sabelane ngeembono ezahlukeneyo malunga nohambo lweUnisa olukhethekileyo nolobugorha kule minyaka ili-145 idluleyo. Sichaphazele kwindima nefuthe leUnisa kuMzantsi Afrika ngelo xesha. Ndinga ukuba siyavumelana sonke ukuba sibe nexesha elinomdla ngokwenene. Ngale mvakwemini siza kugxininisa ikakhulu kwixesha elizayo, njengokuba sicinga *ngekamva* lethu nje: Ikamva labafundi bethu, indima eza kudlalwa yiUnisa ekubumbeni elo kamva kwakunye nefuthe leUnisa negalelo layo ekuphuhliseni

kwesizwe sethu. Le minyaka ingama-50 idluleyo ibinamahla ndinyuka ngexesha lophuhliso lwezopolitiko eMzantsi Afrika, kwaye oku kuyabonakala kwindlela ehamba ngayo inkqubo yemfundo ephakamileyo. Ukusukela ekubeni liziko elayanyaniswa nolawulo olucalucalulayo lweminyaka ephakathi kowe-1948 ukuya ekuqaleni kweminyaka ye-1990, iUnisa ingene endleneni yaziguqulela ukuba ibe yiyunivesithi ebonakalisa kwaye ikhuthaze isimo soluntu oluphila ngokwentando yesininzi, idlale indima engundoqo ekwenzeni banzi amathuba okufikelela kwicandelo lemfundo ephakamileyo. Bangaphezulu kwesinye kwisithathu abafundi balapha eMzantsi Afrika's ababhalise eUnisa, kwaye le nto ibonakala ngathi iseza kwanda nangoku sekumana kuvela amaziko abucala. Izolo oku umzekelo, bendifunda ukuba iStadio ngoku inabafundi abangama-29 000 abalandela ikhondo ekuthiwa yi "*multiversity*" apho kufundiswa eklasini kuphinde kunikezelwe imfundo yabafunda bekude kwizifundo eziliqela esezikho nezisacetywayo kumacandelo ahlukeneyo ukusuka kwezoyilo lwefashoni ukuya kubunjinieli, nokusuka kubugcisa beqonga ukuya kwezoqoqosho.

Uhambo lwethu ke phofu luphawulwe ngumzabalazo othe gqolo wokuguqula okuqulethwe zizifundo zethu nokumisela ngokutsha indlela esijongwa ngayo luluntu jikelele ngeenjongo zokuhlangabeza izidingo neemeko ezikhoyo eMzantsi Afrika nakwilizwekazi leAfrika ngokubanzi. Le nto iqinisekisa ukuba iUnisa ihlala ifana yodwa,

ngokwesimo sayo nangoko sikunikezelayo, kwaye kufuneka siyiqinise loo nto. Sinophawu lodumo kwilizwekazi leAfrika nakwezinye iindawo kwaye siligama elivunywe nelamkelwe lihlabathi ngokubanzi. Si dinga ukuyiqinisa ngaphezulu loo mizamo.

Nabanina ofunda ngembali yaseUnisa yale nkulungwane idluleyo akangeze angamangaliswa bubungxakangxaka beli ziko likhulukazi nendima enzima nexoxisayo elimele ukuyidlala norhulumente nemfundo ephakamileyo eMzantsi Afrika. Njengawo onke amaziko ekukudala ekho, iUnisa ibunjwe kokuhle nokubi, kwaye into eyimpoxo kukuba lo gama ilifa elingemmandanga liqhuba nokuthintela amaqondo afunekayo enguqu ekhawulezayo, oku kuveza amathuba ozinzo oluthile, nto leyo ikhuthaza ukukhula ngokukhula kweli ziko.

Ngaphandle kwamathandabuzo iUnisa yiyunivesithi eyintanda yeAfrika, nenikezela ngemfundo yabafunda bekude. Singakuqinisekisa njani ke ukufaka kwayo igxalaba okunempumelelo ekuphuhliseni isizwe sethu? Siyayazi sonke intetho ethi: Abo bangafundiyo kwezembali baselishweni lokuziphinda (*Those who do not learn from history are doomed to repeat it*). Okwethu akuzange kwaye akusoze kube luhambo olulula. Le nto yaziwa ngokuba yiNguqukokazi Yezorhwebo yesi-4 (*4th Industrial Revolution*) enamandla okuzisa uphuhliso lwesizwe – ngakumbi iluzisa ngeODEL

– iyasinyanzela ukuba sijongane neminye imingeni exakileyo: engqonge inguqu, intsebenziswano nokufumana izakhono esizidingayo zokuqinisekisa ukuba sihlala sifuneka kwaye sisebenza ngokuvakalayo, kwaye abathweswe izidanga babonakala bengabemi behlabathi ababaluleke kakhulu nabaluthathayo uxanduva. Imbali esemthethweni yeyunivesithi yoMzantsi Afrika inika iqonga elomeleleyo nokubala izifundo ezifundiweyo, apho kunokwakhiwa khona amabali ezayo ngeUnisa xa singena kwixesha elithe chatha ukuba nzima kuphuhliso lwemfundo ephakamileyo eMzantsi Afrika.

Le yinto esemxhelweni kwisithethi sethu esiyintloko ngale mvakwemini, uNjingalwazi Ahmed Bawa, onguMphathi Oyintloko weYunivesithi zoMzantsi Afrika, umbutho omele zonke iiyunivesithi zikawonkewonke ezingama-26 eMzantsi Afrika. IiYunivesithi zoMzantsi Afrika ziphuhlisa umgaqo nkqubo, ziphendle amalinge omgaqo nkqubo, awenziwa ngurhulumente ukuze zihlangabezane nezidingo zokwazisa banzi icandelo. Phambi koko, uNjingalwazi Bawa wayeliSekela Ngqonyela neNqununu eDUT; iSekela Mlawuli Wezemfundo (*Associate Provost*), kwiKholeji iHunter ekwiYunivesithi Yesixeko saseNew York; neSekela leSekela Ngqonyela kwiYunivesithi yaseKwaZulu-Natal, xa ndibala nje ezimbalwa izikhundla ezibalulekileyo awayekhe wazibamba. Unesidanga sobugqirha, iPhD seYunivesithi iDurham kwizifundo zefiziksi yeengcingane. Kwaye ke, njengoo"saziwayo" bezentlalo

nabepolitiki eMzantsi Afrika, uNjingalwazi Bawa wayefunda eUnisa ngaphambili, apho wafumana isidanga seNzululwazi esiyiBSc ngowe-1982 (izifundo zakhe eziphambili iyiMatematiki neFiziksi). UNjingalwazi Bawa wayengumququzeleli wabafundi. Kudala umdla ukumva exela ukuba usakhumbula ukuba wayekhe wafundiswa ngumhlohli owayenefani enguVerwoerd. Kwabo bethu baziingcali zezeeMbali, kungalulutho ukuphanda ukuba ingaba lo mhlohli wayezalana na noGqirha Verwoerd owaba nguvulindlela wemfundo yocalucalulo (*Bantu Education*). Ukuba kunjalo, loo nto ingongeza kubutyebi, ubunzulu nemeko ephikisanayo yeyunivesithi yethu engummangaliso!

Njingalwazi Bawa, wamkeleke ngeyona ndlela ikhethekileyo. Le ntshayelelo imfutshane ayisondeli nakancinci ekuchazeni igalelo lakho elikhulukazi nelincomekayo kwimfundo ephakamileyo eMzantsi Afrika. Le ntshayelelo iveza nje kancinci kwaye ibubungqina bokuzinikela kwakho kwimfundo ephakamileyo. Oko kuzinikezela koku ukubonisayo kwakhona ngale mvakwemini. Sinomdla kakhulu ukuva oko uza kwabelana nathi ngako.